Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2024

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)
# IPHEPHA LOKUQALA (P1)
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 70**

Le memorandam inamaphepha ali-10.

Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).

- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.

- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).

- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.

- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

**ISICATSHULWA A**

**Umfundi ujonga kumhlathi-1.**

1.1 Sisithathu eshumini. ✓ (1)

1.2 ... uwelwe ngumqa esandleni. ✓ (1)

1.3 Mabahlambe phambi kokuba baye eholweni lokutyela. ✓
Banxibe kakuhle. ✓ / Bakame. ✓/ Banxibe ngokupheleleyo. ✓ / Bendlule kuqala. ✓ / Baqoqoshe yonke into phambi kokuba baye kutya. ✓

**(Nasiphi na isibini)** (2)

1.4 Yinyani, kuba xa ethelekisa uthe, iihostele zanamhlanje wofumana umohluko omkhulu kwizakhiwo, kwizinto ezisetyenziswayo ngaphakathi, kwinkangeleko nakwifanitshala kunezo zakudala. ✓✓ (2)

1.5 Abantwana abaqeqeshekileyo bayazi ngexesha lokufunda ukuba naxa bafunda kunye makuthi cwaka ibe ngulowo aqwalasele ezakhe iincwadi, angaphazamisi omnye. ✓✓ (2)

1.6 B. ✓ / Kubekho umntu ongxavula izinto nochithayo. (1)

1.7 Ukungena nzulu kwemfudiso, ayibambe lowo unayo. ✓✓ / Imfundiso ekungelula ukuphulukana nayo. ✓✓/ Ukungabilula ukwahlukana naloo nto sele uyiqhelile. ✓✓/ Yinto ehlel' ihleli. ✓✓ (2)

1.8 Ndiyalungqina, kuba abantwana besikolo bayabaleka xa besenziswa imisetyenzana emincinane enje ngokuchola amaphepha, ukulima izitiya, ukuhlamba iifestile neminye kuba ixesha elininzi, le ibayimisebenzi edla ngokunikwa abafundi abophule imithetho ezikolweni. ✓✓ / abafundi bayithatha njengesohlwayo kuba ootitshala bayenzisa le misebenzi benemisindo. ✓✓/ bentshingintshingi ukuze kufezekiseke iinjongo zesohlwayo eso. Seso sizathu ke esi sibangela imbandezelo noxinzelelo kubafundi ngakuyo nayiphi na into esingisele ngasemsebenzini. ✓✓ (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.9 Abantwana abangaqeqeshekanga kwasemakhayeni abo, babangoo nobangela bodushe neengxabano xa behlala nabanye abantwana ezikolweni. ✓✓ / Apho kusilela khona ingqeqesho,kugquba iingxwaba-ngxwaba kube sisiphithiphithi nje.✓✓ / Umntwana ongaqeqeshekanga uyingozi phakathi kwabanye. ✓✓ / Ukungaqeqesheki komntwana kunganeziphumo ezihlasimlisa umzimba. ✓✓

**(Nayiphi na kwezi.)** (2)

1.10 Ndicinga ukuba kwaphenjelelwa butywala kuba umenzi wesishiqi wayenxilile. ✓✓ Ndicinga ukuba kwabangelwa kukungaqeqesheki komenzi, kuba abafundi abayibambileyo ingqeqesho bafunda iincwadi zabo bezolile ngaphandle kokuphazamisana. ✓✓ / Ndicinga ukuba kwaphenjelelwa yinzondo. ✓✓/ ngootshomi bomfundi owahlaba omnye, kuba ukuba wayengazange anyengezelwe imela ngesasingazange senzeka esi sishiqi.✓✓

**(Nasiphi na kwezi)** (2)

1.11 Bengamaqela ngamaqela. ✓ (1)

1.12 Ndingacebisa ngelithi abaphathi besikolo bacele inkxaso kuMasipala wesithili banikwe imigqomo yokugcina amaphepha. ✓✓ /Ayaguqulwa ke (Ayari-sayiklwa) kwenziwe ezinye iimveliso, kutsho kufumaneke imali enokukhulisa ingxowa-mali yesikolo. Iziphumo ke, zizikolo ezihlala zicocekile. ✓✓ (2)

1.13 Ziingxoxo zabafundi, kuba zibancedisa kulwimi lokuphendula imibuzo ngokulula, ✓✓ Ziingxoxo zabafundi kuba zikhulisa abafundi kwisigama solwimi nesakhono sokubhala nakwiimviwo zabo. ✓✓ (2)

1.14 Unako ukubatshintsha iingqondo, kuba iziphumo zengqeqesho ezibonakala nokuba sele bengasekho sikolweni zezempumelelo. ✓✓/ zibonakalisa iinkokheli ezibalaseleyo ebomini. ✓✓ kuba akukho namnye umfundi ongayithakazeleliyo/ ongayinqweneliyo impumelelo ebomini bakhe. ✓

**OKANYE**

Awunako ukubatshintsha iingqondo abafundi abangawuthandiyo umsebenzi wezandla, kuba bambi abafundi bangamavila ngokwendalo, ✓✓ / nangokwendlela abakhuliswe ngayo emakhayeni wabo, abo bakhule besenzelwa yonke into, batsho ke bangayazi le misebenzi ikhankanywe kwisicatshulwa. ✓✓ Akungebi sisiqalekiso ke oko phezu kweentloko zabo ukuba bangaphumeleli ebomini. Kuba ke kakade umntu lo akaphumeleli ebomini kuba esazi umsebenzi wezandla
kuphela. ✓✓

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.)** (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.15 Abantwana besikolo bachola amaphepha. ✓
Ootitshala bagade abantwana abafaka inkukuma kwiiplastikhi ezimnyama. ✓/ abantwana abohlulahlulwe bangamaqela bambi benxibe izifonyo, abanye babo benxibe iiglavez ezandleni zabo bechola ukungcola. ✓ /abantwana bacholachola udoti. ✓

**(Naziphi iimpendulo ezimbini kwezi.)** (2)

1.16 Umfanekiso okwisicatshulwa B ungqinelana nomhlathi wesi-6 wesicatshulwa A, kuba kwisicatshulwa B abantwana bachola amaphepha bejongwe ziititshala. Ukuze umhlathi wesicatshulwa A uthethe ngabantwana abaziziqhu abaneetitshala ezibajongayo xa besenza umsebenzi. ✓✓ (2)

1.17 Zozibini ezi zicatshulwa, zingokubaluleka kokwazi ukucoca iindawo esihlala kuzo ezikolweni. ✓✓/ zozibini ezi zicatshulwa zithetha ngokubaluleka kokwazi umsebenzi wezandla. ✓✓ (2)

**(Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.)**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

### UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6−7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1−5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

### QAPHELA

- **Imo**
  - Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA**

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1 | Qala namhlanje wenze isicwangciso sakho senkqubo yezifundo zakho ngokwendlela yeminqweno yempumelelo ofuna ukuyifezekisa. | 1 | Zenzele isicwangciso sakho senkqubo yokufunda osinqwenelayo. |
| 2 | Seka iqela labafundi enizakuthi nincedisane ngokwabelana ngokomsebenzi wezifundo zenu | 2 | Yiba neqela lokufunda nabelane ngamaxesha. |
| 3 | Yiba nenxaxheba oyenzayo kwiqela ofunda nalo enje ngokuncedisa abanye oogxa bakho xa kufuneka kucaciswe izifundo, oko kukuncedisa ekubethelelekeni kolwazi lwesifundo eso. | 3 | Thatha inxaxheba yokucacisa ukuze kubetheleleke ulwazi kuwe. |
| 4 | Fundela kwindawo engenangxolo, ibenesitulo,itafile kwaye ibenokukhanya okwaneleyo nokufanayo, ngokuyeleleneyo negumbi lokubhalela iimviwo zakho. | 4 | Makube lucwangco kwindawo ofundela kuyo, ibenesitulo, itafile, ikhanye kakuhle. |
| 5 | Bhala ubuncinane amagama angama-400 rhoqo ngosuku,ukukhumbuza ingqondo yakho ngokufundileyo. | 5 | Khumbuza ingqondo yakho ngokubhala amagama angama-400 rhoqo ngosuku koko sele ukufundile. |
| 6 | Ziqhelanise nendlela yokuqinisekisa ukukhumbula okufundileyo ngokuthi rhoqo udibanise iindlela ezi njengokubhala, ukuzoba, ukushwankathela, ukucula okanye ukufundisa umhlobo ukwandisa ukuqonda. | 6 | Ziqhelanise nezakhono zohlaziyo-sifundo ngokushwankathela, uzobe, ucule, ngaxa limbi unike umhlobo wakho afunde oko ukubhalileyo,ukuze kwande ukuqonda. |
| 7 | Ngexesha leemviwo, fika kwangethuba kwigumbi oza kubhalela kulo, oko kuya kukunceda ukwazi ukulawula ixhala, ucwangcise, uyile umsebenzi kakuhle.. | 7 | Fika kwangethuba kwigumbi leemviwo ukuze ukwazi ukuzinza kakuhle engqondweni, ucwangcise umsebenzi wakho kakuhle. |

**UKUBHALA NGOKOMHLATHI**

Zenzele isicwangciso sakho senkqubo yokufunda osinqwenelayo. Yiba neqela lokufunda nabelane ngamaxesha. Makube lucwangco kwindawo enifundela kuyo, ibenesitulo, itafile, ikhanye kakuhle. Thatha inxaxheba yokucacisa ukuze kubetheleleke ulwazi kuwe. Khumbuza ingqondo yakho ngokubhala amagama angama 400 rhoqo ngosuku koko sele ukufundile. Ziqhelanise nezakhono zohlaziyo sifundo ngokushwankathela, uzobe, ucule, ngaxa limbi unike umhlobo wakho afunde oko ukubhalileyo, ukuze kwande ukuqonda. Fika kwangethuba kwigumbi leemviwo ukuze ukwazi ukuzinza kakuhle engqondweni, ucwangcise umsebenzi wakho kakuhle.

(70)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

3.1 Kuthengiswa iwotshi. ✓ (1)

3.2 Sithi : “Think different” ✓ (1)

3.3 Inceda abantu abazilolongayo ngokujonga imilinganiselo yabo yemithambo. ✓ iphinde ikwazi ukujonga indlela intliziyo yomniniyo elimpompa ngayo igazi.✓ / ijonge ubushushu bomzimba kulowo uyisebenzisayo.✓

**(Naziphi iimpendulo ezimbini kwezi.)** (2)

3.4 Kukutsala nokulukuhla abantu ukuba bayithenge. ✓ Umthengisi usebenzise ulwimi oluqhathayo nolurhwebeshayo ukuze abathengi balobeke. ✓ / baqhatheke batsho bathenge le mveliso. ✓

**(Nayiphi na kwezi.)** (1)

3.5 esimehlw’ ankungu sifa yindlala. ✓ (1)

3.6 Ngabantu abasebenzayo abanakho ukufikelela kwixabiso lemveliso ethengiswayo. ✓✓/ Ngabantu abathanda ukunxiba iwotshi yesihlahla. ✓✓/ ngabantwana babantu abanemali. ✓✓Naluphi na udidi lwabantu, egameni nje lokuba benemali yokuyithenga le mveliso. ✓✓

**(Nayiphi na kwezi.)** (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

3.7 Uphumelele ukukhuthaza abathengi kuba isixhobo esithengiswayo senza imisebenzi emininzi ngaxesha-nye.✓✓ / Yiwotshi yesihlahla, iphinde ibeneselula yesandla.✓✓

**OKANYE**

Akaphumelelanga, kuba ixabiso lesi sibhengezo-ntengiso lixhome kakhulu, ngoko ke bambalwa kakhulu abantu abanokukwazi ukufikelela kwixabiso laso. ✓✓/ Ngeli xabiso lingenazo nezavenge kufuneka umthengi oqule waligangatha. ✓✓ /Hayi akaphumelelanga kuba le mveliso ifumaneka kwa I Store kuphela, asingabo bonke abathengi abanokukwazi ukuyithenga kuba ifumaneka ngokusebenzisa ubuchwepheshe bale mihla ukuze uyithenge. ✓✓ /Le mveliso ijoliswe kubathengi abasebenzisa iNethiwekhi yakwa SAFRI-NET kuphela. ✓✓ (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

4.1 Umama notata kaSenzo bakrobe emnyango kwindlu kaSenzo.✓Kwindlu kaSenzo yokufundela. ✓ kuba uSenzo ucofa ilap-top esenza umsebenzi wakhe wesikolo. ✓ / kuba kukho itafile yokubhalela. ✓/kukho usiba lokubhala. ✓ (2)

4.2 Kukuvala kwakhe iLap-top xa ebona abazali bakhe bemi emva kwakhe, ✓ kanti kwisakhelo-1 ubeqwalasele ngomdla kuyo, eyicofa. ✓ (2)

4.3 Umama notata kaSenzo bathe gqaa amehlo amakhulu. ✓ bathetha nga-xeshanye. ✓/ bavule imilomo bobabini ✓ Umama kaSenzo ubambelele emqolo kutata, yena utata uzithe naa iingalo / uzivule zombini ngesinye isandla ebambelele kuSenzo.

**(Naziphi na iizijekulo ezibini.)** (2)

4.4 Kuveza ukucinga nzulu kukaSenzo. ✓/ kubonakalisa ukuzikisa kwakhe ukucinga. ✓ kubonakalisa ukuba ucinga iqhinga lokuzikhupha kulo mbuzo wabazali. ✓

**(Nayiphi na kwezi.)** (1)

4. 5 C ✓ / Ucinga ukuba uSenzo makube ubhale ngabo kwisincoko sakhe. ✓ (1)

4.6 Umyalezo ngowokuba, abazali bakaSenzo banegalelo kwiingxaki anazo uSenzo ✓✓ kuba ukushiyeka kwabo bephoxekile, bequthe imilomo bebonakala benezazela. ✓✓ Emva kwempendulo yakhe, ithi lonto mabakrokrelwe. ✓✓

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.)** (2)

**[10]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

5.1 N ✓ yanga High School ... (1)

5.2 Utshatshele, ✓ / Yintshatsheli. ✓/Ubalasele. ✓/Yimbalasane. (1)

5.3 Wakhe. ✓ / yaseKapa. ✓ / wabo. ✓ (1)

5.4 Sikwixesha eladlulayo. ✓ (1)

5.5 **Ngumsebenzi** onzima lo wokuxova isamente xa kusakhiwa. ✓✓

**(Nasiphi na isivakalisi esintsingiselo eyahlukileyo kule ikwasicatshulwa iyakwamkeleka.)** (2)

5.6 Siphuhlisa ukuzenzela yena ngokunokwakhe. ✓ / Kubonisa ukuzenzela kwakhe ngaphandle kokuncediswa. ✓ (1)

5.7 C ✓ / ubancomile evuyisana nabaphumeleleyo.✓ / C – ubancomile evuyisana nabaphumeleleyo.✓ (1)

5.8 UMakhulu uNolungile uthe **um** ✓ nqwenelela okuhle nakule azakuyenza nokuba **aka** ✓ yazi. (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Hosted by www.ecexams.co.za.